



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESISISISEKO

IBANGA 3

EYENKANGA 2017

ISIXHOZA ULWIMI LWASEKHAYA

IGAMA NEFANI:

UMHLA :

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1 iyure



Olu viwo lunamaphepha ali -14.

IMIYALELO KUBAFUNDI

1. Funda yonke imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
2. Phendula yonke imibuzo kwizithuba ozinikiweyo kweli phepha.
3. Utitshala uza kukuncedisa ngemizekelo yokuziqhelisa phambi kokuba uqalise ukubhala uvavanyo.
4. Uvavanyo lunamanqaku angama-40.
5. Uvavanyo luyimizuzu engama -60.

Imisebenzi yokuziq̄helanisa

- I. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Umhla wokubhiyozela ulutsha eMzantsi Afrika ungenyanga ka ...

- A Meyi
- B Disemba
- C Janyuwari
- D Juni

Wenze kakuhle ukuba ukhethe u-D.

2. Bhala uphawu u-X ecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ulandelelwano oluchanekileyo lwenyanga zonyaka lolu:

Julayi, Meyi, Juni, Epreli	
Epreli, Meyi, Juni, Julayi	X
Juni, Meyi, Julayi, Epreli	
Meyi, Juni, Epreli, Julayi	

Wenze kakuhle ukuba ubeke uphawu u-X kwibhokisi esecaleni kolu landelelwano :

Epreli, Meyi, Juni, Julayi.

3. Landelelanisa iziganeko ngokubhala amanani ukuqala ku l-4.

Umsebenzi wam wosuku lwaphakathi evekini.

Ndenza imisebenzi yokufunda endiyinikwa ngutitshala wam.	3
Ndiyavuka kusasa.	2
Ndiyagoduka emva kwemini	4
Ndithatha iincwadi zam ndiya esikolweni	1

Wenze kakuhle ukuba izivakalisi zakho uzilandeelanise njengoko zilandeelanisiwe ngasentla.

Kolu vavanyo uzakuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba ukuyiphendula.

Uvavanyo luyaqala kwiphepha elilandelayo.

Funda eli bali uze uphendule imibuzo elandelayo ukusuka kowokuqala - I ukuya kowesithandathu -6.



Ugqirha wezendalo uvakalise inkxalabo ngokuncipha kwezilwanyana zaselwandle nezasendle. Izilwanyana zisemngciphekweni wokutshabalala ngenxa yezenzo zabantu. Abantu badalwe banengqondo nobulumko ngaphezu kwezilwanyana ukuze bazikhathalele, bazikhusele. Abantu baphelwelwe luthando ezilwanyaneni neentloni zokwenza okubi.

Ugqirha uqhube wathi, "zezinye zezizathu ezibangela ukubulawa kwezilwanyana kukuzizingelela inyama, ukufuna izikhumba, amabamba kunye nempondo zazo". Abantu bakholelwa ukuba amalungu omzimba ezi zilwanyana enza amayeza. Bambi bayawathengisa loo malungu bawafumeneyo ukuze bafumane isixa semali. Maxa wambi iindawo ezhhlala kuzo ezin je ngamahlathi ziyatshatyalaliswa yimilio engacimekiyo. Ezinye zibulawa ziimbalela, izikhukhula kunye nezifo.

Izilwanyana ezichatshazelwa ngamandla yile ndyikityha yokuf'a okanye zingxwelerheke zezi: indlovu, iqwarhashe, umkhombe, ixhwili nezinye. Loo nto izenza zihlale zinxunguphele nezo zisaphilayo. Ezo zihlala elwandle nazo ziachaphazeleka kukulotywa kakhulu kwentlanzi. Ezizondla ngentlanzi ziye zidinge ukutya.

Urhulumente uneendawo azenzileyo zokugecina nokulondolozwa kwezilwanyana. Kukho nemibutho eyenza uxanduva lokukhathalela izilwanyana. Kubalulekile ukuba sizithande sizihloniphe izilwanyana kuba ziluncedo kuthi kwaye zixhomekeke kuthi ukuze ziphile zonwabe emhlabeni

IMIBUZO:

I.I Bhala isihloko ocinga ukuba ungasinika eli bali .

(I)

I.2 Ngubani ovakalise inkxalabo ngokuncipha kwezilwanyana?

Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

A Ngamakhwenkwe

B Ngugqirha

C Ngurhulumente

D Yimibutho (I)

I.3 Beka uphawu u-X ecaleni kwebhokisi enempendulo echanekileyo.

Chaza izilwanyana ekuthiwa zisemngciphekweni ebalini.

Imfene, udyakalashe nenkawu	
Ihagu, ihashe nenkomo	
Indlulamthi, umvundla nempunzi	
Indlovu, iqwarhashe nexhwili	

(I)

2. Kutheni zibulawa izilwanyana?

Bhala isizathu sempendulo yakho.

(I)

3. 3.I Landelelanisa iziganeko zebali ngokubhala inombolo ecaleni kwezivakalisi uqale ku-1 ukuya ku-4.

Ugqirha uvakalise inkxalabo ngokuncipha kwezilwanyana .	
abantu bathengisa amalungu emizimba yezilwanyana.	
Izilwanyana zisemngciphekweni.	
Urkulumente uneendawo azenzileyo zokugcina izilwanyana.	

- 3.2 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwisininzi. Isilwanyana siphatheke gadalala.
-
-

(II)

- 4 Ucinga ukuba kutheni kubalulekile ukulondolozwa kwezilwanyana?
-
-

- 5 Xa ungabona umntu ozama ukubulala isilwanyana ungathini?
-
-

6. Isimelabizo ligama elimele isibizo

Bhala isimelabizo endaweni yesibizo kwezi zivakalisi.

6.1 Izilwanyana zifuna ukukhathalelw.

(I)

6.2 Abafundi bafundiswa indlela yokuziphatha.

(I)

7. Khangela amagama anezizandi zingezantsi ebalini uwabhale.

7.1 nkx

(I)

7.2 ngxw

(I)

7.3 ndy

(I)

8. Sebenzisa izihlanganisi ezisebhokisini udibanise izivakalisi ezilandelayo.

okanye, kwaye

8.1 USinelizwi uthethela abafundi. USinelizwi uthetha kamnandi

(I)

8.2 Iincwadi zethu ziq'okelelwa nguThabo. Iincwadi zethu ziq'okelelwa
nguPhelokazi.

(I)

9. Funda ingxelo ebonisa amaq'ondo obushushu kwiidolophu zaseMpuma-koloni kwinyanga kaNovemba uze uphendule imibuzo.

Amaq'ondo obushushu neentsuku zeveki					
Indawo	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
eBhayi	30°C	29°C	30°C	31°C	29°C
eMonti	28°C	27°C	28°C	33°C	27°C
eMthatha	25°C	27°C	31°C	34°C	29°C
eKomani	31°C	25°C	27°C	30°C	26°C

- 9.1 An jani amaq'ondo obushushu aseMonti ngoLwesibini nangoLwesihlanu?

(I)

- 9.2 Yeyiphi indawo enamaq'ondo aphantsi ngoMvulo?

(II)

- 9.3 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Amaq'ondo obushushu eKomani ngoLwesine ngama

- A 25°C
- B 26°C
- C 30°C
- D 31°C

I0. Isichazi ligama elichaza isibizo okanye isimelabizo.

Biyela amagama azizichazi kwizivakalisi ezingeantsi.

I0.I Umsebenzi omninzi andikwazi ukuwugqiba.

I0.2 Utata unxibe idyasi emnyama.

II. Bhala izivakalisi kwakhona usebenzisa iimpawu zokubhala.

II.I UPhiko wathi hhalani phantsi Siphe noThabo

II.2 uthanda esiphi isilwanyana

I2 Jonga imifanekiso ugqibezele izivakalisi ezibhalwe ngezantsi.

I2.I

Isilwanyana esihlala emanzini



yi

I2.2

Ebusika ziyabuna



ii

I3. Isibhengezo!

Jonga isibhengezo uze uphendule imibuzo.

Yizani nizokuzibonela iimvumi zegospile zaseMzantsi Afrika, zizakuba zicula ekhonsathini eyakuba seBhayi ngomhla we-l6 kweyoMnga 2017. Iyakuqala ngentsimbi yesithandathu emalanga



Amangeno:
Abantu abadala yi- R50
Abantwana yi- R20
Yiza kuzonwabisa

I3.1 Iimvumi ezizakucula ekhonsathini zezase:

- A Melika
- B Mzantsi Afrika
- C Lesotho
- D Zimbabwe

I3.2 Bhala uphawu u-X kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Abantwana bazakungena ngemali engange

R20	
R30	
R40	
R50	

I3.3 Yintoni in jongo yokwenzela abantu ikhonsathi?

14. Oomabizwafane ngamagama abizwa ngokufanayo kodwa enentsingiselo eyahlukeneyo.

Sebenzisa igama elingeantsi kwizivakalisi ukubonisa umahluko.

Umqolo

14.1

14.2

15. Bhala ezi zivakalisi ubonakalise amaxesha.

15.1 Ixesha elidlulileyo

Abantwana bafundiswa ngokukhathalela izilwanyana.




Izolo

15.2 Ixesha elizayo

Singena kwangoko esikolweni

Ngomso

16. Funda igrafu uze uphendule imibuzo

Inani lezilwanyana ezibuleweyo	Izilwanyana ezibuleweyo				
	6				
	5				
	4				
	3				
	2				
	1				
		indlovu	ihlosi	iq warhashe	ixhwili

16.1 Zeziphi izilwanyana ezibulewe kakhulu?

16.2 Maninzi kangakanani amahlosi abuleweyo kuneendlovu?
Biyela impendulo echanekileyo. Maninzi nge ...

- A 4
 B 2
 C 12
 D 16

- I7. Bhala ibali elinemihlathi emibini okanye izivakalisi ezilishumi (-10) ngesi sihloko singezantsi. Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo, iimpawu zokubhala nopelo oluchanekileyo ukuqinisekisa ukuba izivakalisi zakho zicacile kwaye zinomongo nomxholo.

Ukubaluleka kwamanzi

(7)

AMANQAKU EWONKE: 40

